



Stellenbosch  
UNIVERSITY  
IYUNIVESITHI  
UNIVERSITEIT



# 2025

limfuno zoKungeniswa  
kwiinkqubo zesidanga sokuqala

## USuku oluVulelekileyo kumntu wonke kwiYunivesithi yaseStellenbosch: 20 ku-epreli 2024

KuSuku lwethu oluVulelekileyo lonyaka, samkela abafundi bamabanga e-11 nele12, abazali, ootitshala kunye nabacebisi ngekhondo lokufunda kwikhampasi yaseStellenbosch neyase-Tygerberg. Nceda uzimase iiseshoni zolwazi ezilungiselelwe ngokukodwa, imiboniso kunye nemizekeliso kumaziko akumgangatho wehlabathi. Ndwendela ikhampasi yethu entle ukuze ufumane amava oluntu lwabafundi abadlamkileyo kunye neendawo zokuhlala. iWebhusayithi yoSuku oluVulelekileyo: Ukuba akukwazi ukundwendwela ikhampasi, sikulungiselele! Sijoyine kubuntofontofo bekhaya lakho, isikolo okanye nayiphina indawo efanelekileyo ebonelela ngeWayifa phakathi komhla woku6 kuEpreli kunye nowama31 kuJulayi wama-2024 kwaye ufumane ukufikelela kuzo zonke iiseshoni zolwazi zosuku oluvulelekileyo. Hlala usazi ngako konke okuqhubekayo: Ndwendwela u- [www.maties.com](http://www.maties.com).

### linkonzo zengcebiso

Iiseshoni yeengcebiso iya kukunika isishwankathelo senkqubo yokwenza isicelo kwiYunivesithi yaseStellenbosch, ikhrayitheriya yokwamkelwa, inkqubo yoncedo lwezemali kunye nobomi bokuba ngumfundi. Ukuba akukwazi ukundwendwela ikhampasi, bhukisha iseshoni yeintanethi. Amaqonga asetyenziswayo kwezi seshoni abandakanya iFeyisbhukhu Mesenja, ukufowuna ngeVidiyo zeWhatsApp kunye noSkayiphu okanye iifowuni ezilula. Ukubhukisha: [csr@sun.ac.za](mailto:csr@sun.ac.za) / 021 808 4709

### linkonzo zengcebiso ngekhondo lomsebenzi

Ngena kwinkonzo yeengcebiso ngekhondo lobungcali leYunivesithi yase-Stellenbosch. Yenza amalungiselelo ovavanyo lokuhlakanipha e- [csr@sun.ac.za](mailto:csr@sun.ac.za) (ngeintanethi okanye ekhampasini):  
-Isikhokelo sabafundi malunga nokhetho lwezifundo zeBanga le9  
- Isikhokelo sekhondo lomsebenzi kubafundi bebanga le11 nele12.

### limfuno ezisisiseko zokufunda eyunivesithi

Isetifkeyiti seMatriki seSizwe (NSC) okanye isetifkeyiti sokuyeka isikolo seBhodi eziMeleyo yeeMviwo (IEB) sokwamkelwa kwizifundo zesidanga, njengoko siqinisekisiwe nguUmalusi. Ngaphandle kwabafundi bematriki beSchool of Tomorrow kunye nabenzizicelo kwiinkqubo zeFakhalthi yoMthetho, iYunivesithi ayizifuni iNational Benchmark Tests (NBTs) ukuze wamkelwe kwiinkqubo ngonyaka wama2024.

Iimfuno ezizodwa ezingaphezulu ziyafumaneka phantsi kwenkqubo nganye.

Ngokunjalo jonga kwizikhokelo zokhetho lweefakhalthi ku-[www.maties.com](http://www.maties.com) >Yenza isicelo> iimfuno zokhetho nolwamkelo.



### Abenzizicelo baMazwengamazwe

Irekhodi yezemfundo yabenzizicelo, abenza isicelo ngeziqinisekiso zovavanyo lwaMazwengamazwe, ziya kuvavanywa yioFisi yoLwamkelo ngentsebenziswano neYunivesithi yaseStellenbosch yamazwengamazwe. Ulwazi olungaphezulu luyafumaneka kubenzizicelo abaneziqinisekiso zamazwengamazwe ku- [www.maties.com](http://www.maties.com) >Yenza isicelo> ikharityhulam yamazwengamazwe.



## IFAKHALTHI YEZOLIMO.

### I-BAgric kuLawulo loShishino lwezoLimo (iminyaka emi3)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama60% (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IsiNgesi OKANYE iAfrikaans (uLwimi lweNkobe okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) ama50%
- IMathematika ama60%
- IiNzululwazi zeFiziksi (iFiziksi neKhemistri) ama50%

**Inkqubo efanayo:** I-BScAgric kuHlahlelo noLawulo loQoqosho lwezoLimo; i-BCom (iNzululwazi yoLawulo) enendawo ekugxilwe kuyo: uQoqosho lwezoLimo

**Amathuba omsebenzi:** Umphathi kushishino lwezolimo, ejolise kwimveliso yezityalo okanye yezilwanyana. Ingcali yezoqoqosho kwezolimo kwiziko lezemali (izifundo ezinokwenzeka, izicwangciso zoshishino, isicwangciso sokungena nokuphuma kwemali).

### I-BScAgric kuQoqosho lwezoLimo (iminyaka emi4)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama60% (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IsiNgesi OKANYE iAfrikaans (uLwimi lweNkobe okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) ama50%
- IMathematika ama60%
- IiNzululwazi zeFiziksi (iFiziksi neKhemistri) ama50%

### linkalo zokufunda

- Uhlalutyo loQoqosho lwezoLimo
- Uhlalutyo noLawulo loQoqosho lwezoLimo
- Uhlalutyo lwezoQoqosho lwezoLimo kunye noLawulo kunye neNzululwazi yoKutya
- UQoqosho lwezoLimo kunye neNzululwazi yoKutya

**Inkqubo efanayo:** I-BCom (iNzululwazi yoLawulo) enendawo ekugxilwe kuyo: uQoqosho lwezoLimo

**Amathuba omsebenzi:** Umphandi kuhlalutyo loqoqosho olukhulu (uvavanyo lwempembelelo kunye noyilo lomgaqonkqubo wezolimo kunye nokutya); ingcali yezoqoqosho kwezolimo kwiziko lezemali okanye kumbutho wokuthengisa (uqingqomaxabiso, ucazululo lomngcipheko, izicwangciso zoshishino, ukuhamba kwemali); umphathi kunye nengcali kwicandelo likarhulumente okanye imibutho yamazwe ngamazwe ejongene nophuhliso loqoqosho (umzekelo, iBhanki yeHlabathi). Umphathi weenkxalabo zokusetyenzwa kokutya.

### I-BAgric kuVeliso lwezoLimo noLawulo: Elsenburg (iminyaka emi3)

Le nkqubo inikezelwa ngentsebenziswano neZiko laseKapa loQeqesho lwezoLimo: Elsenburg. Abafundi bahlala kwikhampasi yaseElsenburg apho bafumana lonke uqeqesho lwabo. Ukuba ufuna ulwazi olulolunye, tsalela eli Ziko kule nombolo 021 808 7700.

- Umyinge weNSC ubuncinane ama55% (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IsiNgesi OKANYE iAfrikaans (uLwimi lweNkobe okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) ama50%
- IMathematika ama50% OKANYE uLwazi lweMathematika ama60%
- (iFiziksi neKhemistri) ama 50% OKANYE IiNzululwazi yeFiziksi OKANYE iNzululwazi yezoLimo 50% ama50%

### linkalo zokufunda

- IMveliso yeZilwanyana
- ULawulo lweeSela
- ITekhnoloji yeeSela
- UKwandiswa kunye nokuVeliswa kweZilwanyana

- Ukwandiswa kunye nokuVeliswa kweziTyalo
- Ukuveliswa kwezityalo
- Izityalo kunye nokuVeliswa kweZilwanyana

### I-BScAgric kwiiNkqubo zokuVeliswa kweZilwanyana (iminyaka emi4)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**60%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IsiNgesi OKANYE iAfrikaans (uLwimi lweNkobe okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) ama**50%**
- IMathematika ama**60%**
- IiNzululwazi zeFiziksi (iFiziksi neKhemistri) ama**50%**

#### linkalo zokufunda

- INzululwazi yeZilwanyana

**Inkqubo efanayo:** Nayiphi na inkqubo yeBScAgric enezifundo ezifanayo; isicelo sokutshintsha emva kwesimesta yoku1 kunye/ okanye unyaka wezifundo; IBSc Bhayodayivesithi nelkholoji; i-BAgric kwiMveliso noLawulo lwezoLimo noLawulo (e-Elsenburg) kunye nendawo ekugxilwe kuyokuVeliswa kweZilwanyana okanye uLwandiso nokuVeliswa kweZilwanyana

**Amathuba omsebenzi:** Umcebisi, usomashishini, umphathi, igcisa, igosa lolimo okanye umphathi wemveliso kwinzululwazi yezilwanyana okanye amashishini anxulumeneyo (ezifana nesondlo sezilwanyana, inzululwazi yenyama, inzululwazi yezilwanyana, ukuzala kwezilwanyana kunye nokuzalana kwezilwanyana), okanye ishishini lemveliso yasemanzini, umfama wemfuyo kunye nomfama.

### I-BSc kwilkholoji yoLondolozo (iminyaka emi4)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**60%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IsiNgesi OKANYE iAfrikaans (uLwimi lweNkobe okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) ama**50%**
- IMathematika **60%**
- IiNzululwazi zeFiziksi (iFiziksi neKhemistri) ama**50%**

**Inkqubo efanayo:** I-BSc kwiBhayodayivesithi nelkholoji; I-BScFor (iNzululwazi yezaMahlathi kunye neziBonelelo zeNdalo)

**Amathuba omsebenzi:** Imisebenzi kuvavanyo lwempembelelo yokusingqongileyo kunye nokubeka iliso, i-ikholoji yokubuyisela, ibhayoloji yolondolozo, ulawulo lwefama lwezilo, ukhenketho lwendalo, ulimo oluzinzileyo, amahlathi kunye nolawulo lwezityalo eziphilayo, ulawulo lwemithombo yendalo esekwe kuluntu kunye nophando kwibhayoloji yolondolozo.

### Isidanga seNzululwazi yeDatha (BDatSci) (iminyaka emi4)

Le yinkqubo yeefakhalthi ngeefakhalthi

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**80%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IMathematika ama**80%**
- iAfrikaans uLwimi lwaseKhaya ngama**60%** okanye
- IsiNgesi uLwimi lwaseKhaya ngama**60%** okanye
- iAfrikaans uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**75%** okanye
- IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**75%**

#### Inkalo yokufunda

- INzululwazi yeeNkcukachamanani zoFuzo

**Amathuba omsebenzi:** Innkcukachamanani ezingofuzo yinkalo yophononongo apho iindlela zamanani zisetyenziselwa ukwenza intelekelelo yedatha yemfuzo. Isetyenziswa kwiinkalo ezifana nobungakanani bamanani abantu ngokwemfuzo ngokomzekelo ngabavelisi bezityalo kunye neengcaphephe zemfuzo zolondolozo nakwiepidemiyoloji yemfuzo apho kuphonongwa iziphumo zemfuzo kwizifo.

### I-BSc kwiNzululwazi yoKutya (iminyaka emi4)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**60%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IsiNgesi OKANYE iAfrikaans (uLwimi lweNkobe okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) ama**50%**
- IMathematika ama**60%**
- IiSayensi zeFiziksi (iFiziksi neKhemistri) ama**50%**

**linkqubo ezifanayo:** -BSc kwiZidlo; iBSc kwiMoletyehula zeBhayoloji kunye neBhayoteknoloji; iBSc kwiKhemistri

**Amathuba omsebenzi:** Oosonzululwazi bokutya baqeshelwe ukwenza uqinisekiso lomgangatho, uphuhliso lwemveliso, uphando, inkxaso yobugcisa, ukuthengisa, ukuthenga nokulawula imveliso kushishino lokutya.

### I-BSc kwezaMahlathi (IiNzululwazi zezaMahlathi kunye neMithi) (BScFor) (iminyaka emi4)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**60%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IsiNgesi OKANYE iAfrikaans (uLwimi lweNkobe okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) ama**50%**
- Jonga iimfuno ezongezelelweyo kwicandelo ngalinye lokufunda
- linkalo zokufunda
- - iNzululwazi yezaMahlathi neMithombo yeNdalo
- IMathematika ama**60%**
- IiSayensi zeFiziksi (iFiziksi neKhemistri) ama**50%**
- IiNzululwazi zeeMveliso zokhuni kunye nezomthi
- IMathematika ama**70%**
- IiSayensi zeFiziksi (iFiziksi neKhemistri) ama**60%**

**linkqubo ezifanayo:** INzululwazi yezaMahlathi neMithombo yeNdalo; iBSc kwi ikholoji yolondolozo; IBScAgric iNzululwazi ngeZityalo noMhlaba; iBSc kwiNzululwazi yoMhlaba IiNzululwazi zeeMveliso zoMthi kunye nezomthi; BEng (kwezoShishino); BSc kwiJiyofomatiki

**Amathuba omsebenzi:** IiNzululwazi zeHlathi kunye neMithombo yeNdalo: Sebenza njengengcali yezamahlathi, umlimi wamaplanga, umcwangcisi wokusingqongileyo, umphandi wehlathi, umgcin wehlathi, igosa lolimo okanye umcebisi, umphathi wolungiselelo, umfuyi wemithi, umcebisi wophuhliso lwesemaphandleni kunye nosomashishini. IiNzululwazi zeeMveliso zokhuni kunye nemithi: Sebenza njengengcali yeemveliso zokhuni, umphathi kwisityalo sokuvelisa iimveliso zokhuni, umphathi wophuhliso lwemveliso, umphathi wokuqinisekisa umgangatho, umcebisi kunye nenzululwazi yemithi.

### I-BScAgric kwiNzululwazi yeZityalo kunye noMhlaba (iminyaka emi4)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**60%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IsiNgesi OKANYE iAfrikaans (uLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) ama**50%**
- IMathematika ama**60%**
- IiSayensi zeFiziksi (iFiziksi neKhemistri) ama**50%**
- Jonga imfuneko ephezulu engezantsi yentsimi yoLawulo loMhlaba naManzi

#### linkalo zokufunda

- IiNkqubo zokuVelisa iziTyalo
- IiNkqubo zokuVelisa iziTyalo kunye neAgronomi, uQoqosho lwezoLimo kunye neNzululwazi yeZilwanyana
- Ukukhuselwa kwezityalo kunye nokuFundisa
- Ulawulo loMhlaba naManzi

Ukuba uthatha iNzululwazi yoMhlaba kunye neKhemistri njengezifundo ezingundoqo kweli candelo:

- IMathematika ama**70%**

**Iinkqubo ezifanayo:** BScAgric kwiVithikhaltsha nelnoloyiye ; iBSc kwiBhayoloji yeMoletyhuli kunye neBhayoiekoloji; iBSc kwiBhayodayivesithi kunye nelkholoji; I-BSc kwiNzululwazi yoMhlaba; IMveliso yezoLimo ye-BAgric kunye noLawulo (e-Elsenburg) kunye nogxininiso iBAgric kuVeliso lweziTyalo okanye uLwandiso kunye neMveliso yeziTyaloBScAgric iVithikhaltsha nelnoloyi; BSc Moletyhula Bjayoloji neBhayotekhnoloji; iBSc in Bhayodayivesithi nelkholoji; iBSc kwiiNzululwazi zoMhlaba; iBAgric kuVeliso noLawulo lwezoLimo (Elsenburg) egxininisa kuVeliso lweziTyalo okanye uNatyiso noVeliso lweziTyalo

**Amathuba emisebenzi:** Amathuba omsebenzi kwimveliso yezityalo (i-agronomi, iziqhamo ezivuthulukayo, isitrasi, ifynbos, ivithikhaltsheshe kunye ne-greenhouse), ukhuseleko lwezityalo, ukuphuculwa kwezityalo zemfuzo, kunye nolawulo lomhlaba namanzi. Imisebenzi eyahlukeneyo kwishishini lezolimo okanye kumashishini anxulumene nezolimo, njengomcebisi, usomashishini, umphathi, igosa elongezelelweyo, igcisa okanye umphandi.

### I-BScAgric kwiVithikhaltsha kunye neOenology (iminyaka emi4)

- Umnyinge weNSC ubuncinane ama**60%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Isingesi OKANYE iAfrikaans (uLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo) ama**50%**
- IMathematika ama**60%**
- IiNzululwazi zeFiziksi (iFiziksi neKhemistri) ama**50%**

**Iinkqubo ezifanayo:** I-BScAgric kuLimo neNzululwazi yoMhlabas; iBSc kwiBhayoloji yeMoletyhulii kunye neBhayotekhnoloji; IMveliso yezoLimo ye-BAgric kunye noLawulo (e-Elsenburg) kunye noLawulo lweSela okanye iTekhnoloji yesela

**Amathuba omsebenzi:** Umenzi weWayini, incutshe kwivithikhaltsha, umphandi, umphathi wemveliso, umthengisi, ingcali, umcebisi okanye usomashishini kumashishini anxulumene newayini.

### IiNkqubo zeKharithyulam ezongezelelweyo (ECPs)

IECP ibandakanya unyaka owongezelelweyo wokufunda. Ngaphandle kwe-BAgric kwiMveliso yezoLimo noLawulo: e-Elsenburg, zonke ezi nkqubo zingasentla zikwafumaneka njengeenkqubo zesidanga ezongezelelweyo.

## IFAKHALTHI YUBUGCISA NEZENZULULWAZI ZENTLALO

### Ukwamkelwa kunye nokhetho

ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) okanye isatifikethi sokushiya isikolo esivela kwiBhodi yeeMviwo eziZimeleyo (IEB) njengoko sangqinwa nguUmalusi sinamanqaku ubuncinane ama4 (50%) kwisifundo ngasinye kwezine zesikolo kolu luhlu lwezifundo zesikolos: IAKhawuntingi; iNzululwazi yezoLimo; Izifundo zoShishino; Izifundo zabaThengi; UbuGcisa beDrama; EzoQoqosho; Imizobo yobuNjineli kunye noYilo; Jografi; Ezembali; Ezobuchwepheshe; IiNzululwazi zoBomi; iMathematika; uLwazi lweMathematika; Umculo; IiNzululwazi zeNzululwazi; Izifundo zeNkolo; UbuGcisa obuBonakalayo; Iilwimi (ulwimi olunye lokufunda nokufundisa kwiziko lemfundo ephakamileyo nezinye izifundo ezibini ezivunyweyo zolwimi).

### IINKQUBO ZEZIDANGA ZEBA

#### IBA kuBuntu# (iminyaka emi3)

- Ubuncincine bamanqaku eNSC ewonke ngama**63%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Ulwimi lwaseKhaya ama**50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**40%**
- Ukuba uthatha iSocio-Informatics njengesifundo saseyunivesithi, ke kwakhona:
- IMathematika ama**50%** OKANYE uLwazi lweMathematika ama**70%**

**Iinkqubo efanayo:** Isidanga seBA

**Amathuba omsebenzi:** Ukhetho lwezifundo ezininzi ezijolise kuyo nayiphi na kwezi ndlela zimbini. Uqeqesho oluthe kratya lwabasele benezidanga lukulungiselela ubuchwephesha obufana nobutitshala, isayikholoji, ingcali yolwimi, intatheli kunye nomcwangcisi wedolophu kunye nommandla. Iindlela:  
-lingcinga zoLuntu, uLwimi, iNkcubeko kunye nobuGcisa  
- Abantu kunye noMbutho

#### IBA kuLwimi neNkcubeko# (iminyaka emi3)

- Ubuncincine bamanqaku eNSC ewonke ngama**63%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Ulwimi lwaseKhaya ama**50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**40%**

**Iinkqubo ezifanayo:** IBA kuBuntu; iBA kwiZifundo zaMazwe ngaMazwe; iBA kwiZifundo zezoPolitiko, zeFilosofi kunye nezooqosho

**Amathuba omsebenzi:** Amakhondo kubuchwephesha afuna ubuchule kwiilwimi nenkcubeko, inkonzo yozakuzo, ukufundisa, upapasho, intengiso, ukhenketho, ubuntatheli kunye neshishini loguqulo.

### IINKQUBO ZEZIQINISEKISO EZIZODWA

#### IBA kuPhuhliso kunye nokusiNgqongileyo# (iminyaka emi3)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**63%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Ulwimi lwaseKhaya ama**50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**40%**

Ukuba uthatha iSosiyoifomatiki njengesifundo saseyunivesithi, ke kwakhona:

- IMathematika ama**50%** OKANYE uLwazi lweMathematika ama**70%**

Ukuba uthatha uQoqosho njengesifundo saseyunivesithi, ke kwakhona:

- IMathematika ama**60%**

**linkqubo ezifanayo:** IBSc kwiJiyo-ifatiki iBSc kwiNzululwazi yoMhlaba; iBCom (iiNzululwazi zoLawulo): ULawulo lweNdawo ekuGqaliselwe kuyo uLuntu noPhuhliso; IDiploma kuPhuhliso oluZinzileyo

**Amathuba omsebenzi:** Amathuba omsebenzi kuphuhliso loluntu, uphuhliso lwabemi, ucwangciso lwedolophu nommandla, ukhenketho, ucwangciso lwemithombo nolawulo, kunye nocwangciso nolawulo lokusingqongileyo kumacandelo karhulumente nawabucala.

### IBA kwiDrama kunye neZifundo zeThiyetha (iminyaka emi3)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**65%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Ulwimi lwaseKhaya ama**60%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**50%**
- Iimfuno zokukhetha ziyafumaneka ku- [www.maties.com](http://www.maties.com) > Faka > Amaxwebhu esicelo; okanye apha [akg@sun.ac.za](mailto:akg@sun.ac.za).
- Abaviwa kufuneka babekho kuphicotho kunye/okanye kudliwano-ndlebe kwiSebe leDrama eStellenbosch ngoAgasti

**Amathuba emisebenzi:** Esi siqinisekiso siyakuxhobisela ikhondo lomsebenzi kwiThiyetha kunye namashishini eendaba, kwaye sikunika ukufikelela kwiinkalo ezinxulumeneyo ezifana nobudlelwane noluntu, ukuthengisa, ukufundisa kunye nemicimbi yenkcubeko. Iindlela:

- UQeqesho lokuSebenza kunye noQeqesho lokuSebenza
- UQeqesho lobuGcisa noLawulo

### IBA kuLawulo lwezaBasebenzi# (iminyaka emi3)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**63%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Ulwimi lwaseKhaya ama**50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**40%**
- IMathematika ama**50%** OKANYE uLwazi lweMathematika ama**70%**

**linkqubo ezifanayo:** IBCom (iiNzululwazi zoLawulo): iNkalo ekugxilwe kuyo yoLawulo lwezaBasebenzi; IBCom (iSaykholoji yoShishino)

**Amathuba emisebenzi:** Umphathi woPhuhliso, umphathi wezabasebenzi, ingcali yezengqondo, umcebisi kulawulo kunye nengcali yobudlelwane emsebenzini. Ikhokelela kwizifundo zesidanga sokuqala kuLawulo lwezaBasebenzi okanye kwiSaykholoji yoShishino .

### IBA kwiZifundo zaMazwe ngaMazwe# (iminyaka emi3)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**63%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IsiNgesi uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%**

**linkqubo ezifanayo:** I-BA kuBuntu; iBA kuLwimi neNkcubeko; iBA kwiZifundo zezoPolitiko, zeNzululwazi kunye nezoQoqosho; iBCom (uShishino lwaMazwe ngaMazwe)

**Amathuba emisebenzi:** Inkonzo yezozakuzo, ipalamente, i-Arhente yezobuNtlole yeSizwe, ishishini lokhenketho, ubuntatheli bamazwe ngamazwe, umsebenzi wonxibelelwano noluntu, ishishini lokungenisa elizweni kunye nokuthumela ngaphandle, kunye

namaziko akhuthaza urhwebo notyalo-mali (umz. Wesgro), imibutho yamazwe ngamazwe (efana neUN, Uxolelwaniso lwamazwe ngamazwe , IForam yezoQoqosho yeHlabathi).

### I-BA kwezoMthetho (iminyaka emi3)

Jonga iBA (ezoMthetho) phantsi kweFakhatthi yoMthetho, iphepha 11

### Isidanga kwezoMculo (iBMus) (iminyaka emi4)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**60%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Ulwimi lwaseKhaya ama**50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**40%**
- Kwisixhobo esiphambili (okanye ekuculeni) ubuncinane umgangatho wepraktikhali kumculo weklasiki olingana noviwo lweBakala VII nolwazi lwethiyori olulingana nalo naliphi na iqumrhu lovavanyo lwethiyori yeBakala
- Abaviwa kufuneka babekho kuvavanyo lwethiyori kunye novavanyo lwethiyori kwiSebe loMculo eStellenbosch, apho abaviwa kufuneka babonise ubungqina bemigangatho efunekayo. Ekufumaneni isicelo sakho, sikuthumelela ulwazi malunga nophicotho. Ulwazi oluthe vetshe apha [auditions@sun.ac.za](mailto:auditions@sun.ac.za)

Ukuba uthatha iMathematika njengesifundo saseyunivesithi, ke kwakhona:

- IMathematika ama**70%**

**Amathuba emisebenzi:** Utitshala womculo (umhlohi okanye utitshala), igcisa leqonga, umkhaphi, umlawuli womculo, ingcali yomculo, umqambi okanye umbhexeshi. Ubuchwephesha obunxulumene nomculo obufana nentatheli, umcwanqisi womculo okanye itekhnoloji yomculo. Iinkalo zokufunda zabafundi abasele benezidanga: imfundo yomculo, intsebenzo, umculo wegumbi/ ukhatshwa, imvumi eyedwa/ umdlali wezixhobo zomculo oyedwa, imuzikholoji, ukwakhiwa, itekhnoloji yomculo iethnomusicology kunye nokubhexeshwa kweekwayala. Iindlela:

- Imfundo yoMculo
- iNzululwazi yomculo
  - Itekhnoloji yoMculo
  - Ukusebenza
  - Ukwakhiwa

### I-BA kwezoMculo (iminyaka emi3)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**60%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Ulwimi lwaseKhaya ama**50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**40%**
- Kwisixhobo esiphambili (okanye ekuculeni) ubuncinane umgangatho wepraktikhali kumculo weklasiki olingana noviwo lweBakala VII nolwazi lwethiyori olulingana nalo naliphi na iqumrhu lovavanyo lwethiyori yeBakala V.
- Abaviwa kufuneka babekho kuvavanyo kunye novavanyo lwethiyori kwiSebe loMculo eStellenbosch, apho kufuneka babonise ubungqina bemigangatho efunekayo. Ekufumaneni isicelo sakho, sikuthumelela ulwazi malunga nophicotho. Ulwazi oluthe vetshe apha [auditions@sun.ac.za](mailto:auditions@sun.ac.za)

Ukuba uthatha iMathematika njengesifundo saseyunivesithi, ke kwakhona:

- IMathematika ama**70%**

**Amathuba omsebenzi:** Utitshala womculo wabucala, umbhexeshi, igcisa elidlalayo okanye umkhaphi. Emva kokuhubeka nezifundo ezinxulumene nomculo ezifana nentatheli yomculo, ingcali yomculo okanye utitshala wesikolo esiphakamileyo. Izifundo zesidanga sokuqala kwinqununu oyikhetheleyo zinokukuvulela amanye amakhondo emisebenzi.

## IDiploma kuMculo oWenziwayo (iminyaka emi3)

- ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke esinama**40%** ubuncinane kwisifundo ngasinye kwezine (kungabandakanywanga isifundo soLwazi ngezoBomi)
- Kwisixhobo esiphambili (okanye ekuculeni) ubuncinci umgangatho wepraktikhali kumculo weklasiki olingana noviwo lweBakala VII nolwazi lwethiyori olulingana nalo naluphi na olwethiyori yoviwo lweBakala III/IV.
- Abaviwa kufuneka babekho kuvavanyo kunye novavanyo lwethiyori kwiSebe loMculo eStellenbosch, apho kufuneka babonise ubungqina bemigangatho efunekayo. Ekufumaneni isicelo sakho, sikuthumelela ulwazi malunga nophicotho. Ulwazi oluthe vetshe apha [auditions@sun.ac.za](mailto:auditions@sun.ac.za).

**Amathuba omsebenzi:** Utitshala owenza izixhobo zomculo okanye oculayo, umbhexeshi wekwayara, umdlali wepiyano ecawani, igcisa eliculayo okanye imvumi yeokhestra.

## IDiploma ekwiNqanaba eliPhezulu kuMculo oSebenzayo (unyaka om1)

- Kufuneka ube neDiploma (Umculo oWenziwayo), okanye esinye isiqinisekiso somculo esivunyiweyo yiSenethi.
- Uya kukhethwa ngokusekelwe kuphicotho olukhethiweyo. Ukuba akunazo iziqinisekiso ezifunekayo, ungamkelwa phantsi komqathango wokuba wenze umsebenzi owongezelelweyo
- Abaviwa kufuneka babekho kuphicothozincwadi kwiSebe lezoMculo eStellenbosch, apho kufuneka babonise ubungqina bemigangatho efunekayo. Ekufumaneni isicelo sakho, sikuthumelela ulwazi malunga nophicotho. Ulwazi oluthe vetshe apha: [auditions@sun.ac.za](mailto:auditions@sun.ac.za).

**Amathuba omsebenzi:** Igcisa leqonga, umkhaphi, utitshala womculo okanye umbhexeshi. Izifundo zinokuvumela ukwamkelwa kwiiBMUs ngobuchule kwiMfundo yoMculo, iNdlela yokuSebenza yoMculo kuMculo weGumbi okanye ukuKhatshwa uncediswa, ukucula umntu eyedwa okanye uMsebenziso weSolo, iMyuzikholoji, ukuYila, iTekhnoloji yoMculo, uMculo weCawe, i-Ethnomyuzikholoji okanye ukuBhexeshwa kweKwayara.

## Isatifikethi esiPhezulu kuMculo (unyaka om1)

- ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke
- Kwisixhobo esiphambili (okanye ekuculeni) ubuncinane umgangatho wepraktikhali kumculo weklasiki olingana noviwo lweBakala V/VI nolwazi lwethiyori olulingana nalo naluphi na uviwo lwethiyori yeBakala III/IV yequmrhu lovavanyo.
- Abaviwa kufuneka babekho kuphicothozincwadi kwiSebe lezoMculo eStellenbosch, apho kufuneka babonise ubungqina bemigangatho efunekayo. Ekufumaneni isicelo sakho, sikuthumelela ulwazi malunga nophicotho. Ulwazi oluthe vetshe apha [auditions@sun.ac.za](mailto:auditions@sun.ac.za)

**Amathuba emisebenzi:** Unganegalelo kwiiprojekthi zomculo zasekuhlaleni. Esi siqinisekiso sinokukulungiselela iDiploma kuMculo oSebenzayo okanye enye yeenkqubo zesidanga somculo, ukuba uyahambelana nazo zonke iimfuno zokwamkelwa.

## I-BA kwiZifundo zezoPolitiko, zeFilosofi kunye nezoQoqosho (PPE) (iminyaka emi3)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**63%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Ulwimi lwaseKhaya ama**50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**40%**
- IMathematika ama**60%**

**Inkqubo ezifanayo:** I-BA kuBuntu; iBA kuLwimi neNkcubeko; iBA kwiZifundo zaMazwe ngaMazwe; iBCom (iNzululwazi yezoQoqosho); iBCom (uShishino lwaMazwe ngaMazwe); ISidanga seNzululwazi yeDatha (BDatSci): UQoqosho lweNkalo ekuJoliswe kuyo ekuZiphatheni

**Amathuba emisebenzi:** Umphathi, intatheli, ishishini okanye umhlalutyi wotyalomali, usomashishini, unozakuzaku, umsebenzi waseburhulumenteni, umphandi, umcebisi okanye isifundiswa.

## Isidanga soMsebenzi wezeNtlalo (iminyaka emi4)

**Izithuba ezili100 kwinkqubo.**

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**63%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Ulwimi lwaseKhaya ama**50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**50%**

**Inkqubo efanayo:** I-BTh (Isidanga sezakwaLizwi)

**Amathuba emisebenzi:** Oonontlalontle kumasebe karhulumente, imibutho engenzi nzuzo, izibonelelo zabantu abaneemfuno ezizodwa, izikolo, izibhedlele, iindawo zengqesho, kunye neenkqubo zabucala. Unokusebenza nakumazwe ngamazwe.

## I-BA kwiNzululwazi yezeMidlalo (iminyaka emi3)

Indawo yabafundi abangama**60**. Ukuzimasa nokuthatha inxaxheba kwezemidlalo kunyanzelekile.

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**60%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Ulwimi lwaseKhaya ama**50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**40%**
- IMathematika ama **40%** OKANYE uLwazi lweMathematika ama**70%**
- IiSayensi zeFizikhali ama**40%** OKANYE iiSayensi zoBomi ama**50%**

**Inkqubo ezifanayo:** I-BSc kwiNzululwazi yezeMidlalo; iBSc kwiNzululwazi zoBomi boMntu, iBSc kuNyango lomzimba ngokuthambisa.

**Amathuba emisebenzi:** Uqeqesho lwezemidlalo, ubunkokeli kwezolonwabo, ulawulo lwezemidlalo, ukuthengiswa kwezemidlalo, ulawulo lwezemidlalo, imidlalo yabantu abakhubazekileyo, ishishini lokomelela, ibiokinetics (wakugqiba isidanga seonazi kunye nokugqiba uqeqesho), uphando lwezemidlalo nokufundisa (uqeqesho lomzimba).

## I-BA kwiVisual Arts (kuBugcisa obubonakalayo) (iminyaka emi4)

Indawo yabafundi abangama**60**.

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**60%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- Ulwimi lwaseKhaya ama**50%**
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**40%**
- Faka ipotfoliyo yobugcisa obumiselweyo ngowoku1 kuSeptemba. Ulwazi luyafumaneka ku-[www.maties.com](http://www.maties.com) > Faka isicelo > Amaxwebhu esicelo

**Amathuba omsebenzi:** Igcisa eliqeqeshiweyo, utitshala wezobugcisa, umyili wemizobo, umzobi, umyili wamatye anqabileyo kunye nomvelisi, umgwebi wobugcisa okanye ingcali yobugcisa. Ubuchwephesha obunxulumeneyo: umyili weqonga, umyili wencwadi, umlondolozo, imyuziyam kunye nomgcini wegalari yezobugcisa, umthengisi wezobugcisa, usomashishini wezobugcisa, ingcali yejemoloji, ingcali yobugcisa kwimizobo, ukudibanisa, ukuphosa, iLithografi kunye nemimandla efana nemveliso yefilimu, isikhokelo sobugcisa, ukufota kunye nentengiso. Iindlela:

- Ubuchwepheshe obuhle
- Ubucwebi kunye noYilo lweNtsimbi
- Uyilo loNxibelelwano oluBonakalayo

## Isidanga seNzululwazi yeDatha (BDatSci) (iminyaka emi4)

Le yinqubo ephakathi kwifakhalthi

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**80%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IMathematika ama**80%**

KUNYE enye yezi zilandelayo:

- IAfrikaans uLwimi lwaseKhaya ama**60%** OKANYE
- IsiNgesi uLwimi lwaseKhaya ama**60%** OKANYE
- IAfrikaans uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**75%** OKANYE
- IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**75%**

**Inkalo ekugxilwe kuyo**  
- IJiyoinformatika

**Amathuba emisebenzi:** IJiyoinformatika yinzululwazi neteknoloji ejongene nobume bolwazi lwesithuba, ukubanjwa kwayo, ukuhlelwa nokufaneleka kwayo, ukugcinwa kwayo, ukusetyenzwa kwayo, ukuboniswa kwayo nokusasazwa kwayo.

### # IiNkqubo zeKharithyulam ezongezelelweyo (iminyaka emi4)

Iyafumaneka kuzo zonke iinkqubo eziphawulwe nge #. Abafundi bakhethelwa iinkqubo zekharithyulam ezandisiweyo ngokokubona kweFakhalthi.

## IFAKHALTHI YEZOQOQOSHO NENZULULWAZI YOLAWULO

**Ukwamkelwa kunye nokukhethwa**

Bonke abafake izicelo kufuneka bahlangabezane neemfuno ezisezantsi zokungeniswa kwenkqubo abafake isicelo kuyo. Nceda uqaphele ukuba bonke abafakizicelo bafumana inkqubo yokhetho jikelele. Ke ngoko, nokuba uyahlangabezana nezona mfuno zisezantsi zokwamkelwa kwenkqubo awunakwamkelwa kuloo nkqubo. Ndwendwela iphepha lewebhu leFakhalthi kuwww.sun.ac.za/ems malunga neendlela zokukhetha ezisetyenziswa yiFakhalthi.

### INKQUBO YEDIPLOMA kwiSidanga sokuqala

#### IDiploma kuPhuhliso oluZinzileyo (iminyaka emi3)

Abafundi bakhethwa ngokwezidanga zezifundo kunye nolwazi olunikezelwe kwifomu yesicelo njengenxalenye yenkqubo yesebe. Inani labafundi abakhethiweyo lilinganiselwe. Ulwimi lokufundisa sisiNgesi

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**55%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IsiNgesi uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%** KUNYE
- neMathematika ama**50%** OKANYE
- noLwazi lweMathematika ama**60%** OKANYE
- neMathematika ama**40%** okanye iMathematika yoLwazi lokuFunda nokuBhala ama**50%** Kunye nama**60%** kwiZifundo zoShishino okanye ezoQoqosho okanye iAkhawuntingi

**Iinkqubo ezifanayo:** I-BA kuPhuhliso kunye nokusiNgqongileyo; iBSc kwiJiyoinformatika; IBCom (iiNzululwazi zoLawulo); Ulawulo lweNdawo ekuGqaliselwe kuyo uLuntu noPhuhliso

**Amathuba emisebenzi:** IDiploma iza kukhulisa ubuchule bakho boshishino kunye nobutshintliziyo kwezoshishino. Oosomashishini bangabantu abazimeleyo abacinga basebenzise ulwazi kunye nezakhono zabo ukudala amathuba engqosho kubo nakwabanye.

Amatshantliziyo ezoshishino ngabantu abavelisa izinto ezintsha, abaxhomekeke kwisenzo, abazikhuthazayo abaqhuba utshintsho oluhle kwimibutho nakwiinkampani. Amathuba emisebenzi kwiinkampani ezinomsebenzi ohambelana neeNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo

### IINKQUBO ZEZIQUINISEKISO EZIJOLISE KWEZOMTHETHO

Ngeemfuno zokwamkelwa, jonga phantsi kweFakhalthi yezoMthetho kwiphepha 11.

- I-BCom (kwezoMthetho) (iminyaka emi3)
- I-BAccLLB (iminyaka emi5)

### IINKQUBO ZEZIQUINISEKISO EZIBANZI EZINEMISEBENZI EYAHLUKENEYO

#### I-BCom (iNzululwazi yezoQoqosho) (iminyaka emi3)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**65%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IMathematika ama**60%**
- IsiNgesi uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE iAfrikaans uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE iAfrikaans uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%** OKANYE IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama **60%**

**Iinkalo ekugxilwe kuzo**

- Uqoqosho
- Uthethwano lwezoQoqosho noLawulo
- Icandelo lezeMali
- UQoqosho lwezoThutho

**Iinkqubo ezifanayo:** I-BScAgric kuQoqosho lwezoLimo; iBA kwiZifundo zezoPolitiko, zeNzululwazi kunye nezoQoqosho (PPE); iBCom (iiNzululwazi zoLawulo); iBCom (kwiNzululwazi yeMathematika); ISidanga seNzululwazi yeDatha (BDatSci); UQoqosho lweNkalo ekuGxilwe kuyo ekuZiphatheni.

**Amathuba omsebenzi:** EzoQoqosho luvumela ukhetho olubanzi lwemisebenzi. Nangona amanye amakhondo emisebenzi efuna izifundo zesidanga sokuqala kwezoQoqosho kunye nelkhonometriki amava abonise ukuba iziqinisekiso zesidanga sokuqala kwezoQoqosho avelisa imbuyekezo entle kumakhondo omsebenzi kwilizwe lezoshishino nakwicandelo likarhulumente. Kwishishini, imayikhroikonomiki iququzelela ukuthathwa kwezigqibo ezinengqiqo kwifem ngelixa imakhroikonomiki ibonelela ngokuqonda kwimeko yezoqoqosho apho ishishini lisebenza khona. Ukuthatha isifundo esiyintloko kwezoQoqosho kusenokuphucula amathuba okunyuselwa kumasebe karhulumente. EzoQoqosho lukwadala amathuba okufundisa kwaye kuyacetyiswa kubafundi abajonge ikhondo lobuntatheli.

#### I-BCom (iNzululwazi yoLawulo) (iminyaka emi3) BCom

- Umyinge weNSC ubuncinane ubuncinane ama**65%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IMathematika ama**60%**
- IsiNgesi uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE iAfrikaans uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE iAfrikaans uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%** OKANYE IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%**

**Iinkalo ekugxilwe kuzo**

- UQoqosho lwezoLimo
- UHlalutyo lweshishini
- UShishino kunye noTshintsho
- ULawulo lwemali
- UCwangciso lwezeMali
- ULawulo lwezaBasebenzi

- ULawulo lweNkqubo zoLwazi
- ULawulo loTyalomali
- ULungiselelo kunye noLawulo lweNtengo
- ULawulo lweNtengiso
- ULawulo loLuntu noPhuhliso

**linkqubo ezifanayo:** I-BScAgric kuQoqosho lwezoLimo; iBAgric kuLawulo loShishino lwezoLimo; iBA kuPhuhliso kunye nokusiNgqongileyo; iBA kuLawulo lwezaBasebenzi; iBCom (iNzululwazi yezoQoqosho); iBCom (kwiNzululwazi yeMathematika); iBCom (kuShishino laMazwe ngaMazwe)

#### Amathuba omsebenzi:

**Uqoqosho lwezoLimo:** Amakhondo emisebenzi abandakanya ushishino, ulawulo jikelele, ulawulo lwemali kunye nolawulo lolungiselelo lwamagalelo kunye neenkonzozo zezolimo, ukulungiselela nokusasazwa kweemveliso zezolimo, kunye nenkxasomali yezolimo

**Uhlahluty lweShishini:** Imisebenzi kwiinkalo zobuntlola beshishini, ukubonisa, uhlahluty oluphambili, uphando kumacandelo ahlukeneyo afana neebhanki, iinkampani ezithengisayo kunye namaziko ophando.

**Usomashishini kunye nokusungula izinto ezintsha:** Lo mmandla ugxininisa ukufundisa indlela yokudala awakho amathuba emisebenzi kwaye wenze igalelo lobuchule kwamanye amashishini. Ukuba unomdla wokuba yinxalenye yosomashishini kunye/okanye neqela lokuvelisa izinto ezintsha lombutho le ndawo yogxininiso iya kuba nomdla kuwe.

**Ulawulo lwemali:** Nokuba ucinga ngokuziqalela ishishini lakho okanye ukusebenzela inkampani enkulu, ulwazi oluvakalayo lolawulo lwemali lubalulekile kwimpumelelo. Landela ikhondo lomsebenzi njengomhlalutyi wotyalomali, umhlalutyi wezezimali, umphathi womngcipheko, umphathimali, umcebisi wezezimali okanye umcebisi wezemali.

**UCwangciso lwezeMali:** Le khosi ifanele abo banomdla kwikhondo lomsebenzi njengomcwangciso wezimali oqeqeshiweyo okanye umcebisi kushishino lweenkonzo zemali (kunye nenkampani yeinshorensi, umsebenzi ozimeleyo weenkonzozo zezimali, okanye kwicandelo lebhanki). Ikwajoliswe kwabo banomdla kwikhondo lomsebenzi njengomphathi wobutyebi, umrhwebi, umcebisi, ingcali yeinshorensi okanye umphathi wobudlelwane bomthengi.

**Ulawulo lwezabasebenzi:** Oku kukhokelela kubhaliso olungekho semthethweni njengengcali yezabasebenzi kunye neBhodi yaseMzantsi Afrika yeZenzo zaBantu. Landela ikhondo lomsebenzi njengomphathi wabasebenzi, umphathi wemarike, umlawuli woqeqesho, umcebisi okanye umphathi wobudlelwane emsebenzini. (Ukufumana ubhaliso olusemthethweni njengengcali yengqondo okanye ingcali yesayikholoji kushishino, jonga iBCom (ingcali yesayikholoji kushishino))

**Ulawulo lweenkqubo zolwazi:** Ubuchwepheshe bolwazi budityanise nezcwangciso eziliqili zombutho kunye neenkqubo zokwandisa imveliso, ukusebenza kakuhle kunye (ngamanye amaxesha) nokuveliswa kwezinto ezintsha.

**Ulawulo loTyalomali:** Kwabo banomdla kwikhondo lomsebenzi njengomphathi wotyalo-mali, umhlalutyi wotyalomali, umthengisi-mpahla, umphathi wepotfoliyo okanye umlawuli weasethi kwifemu yolawulo lotyalomali, ikopoporasi enkulu, ithrusit, okanye isiseko

**Ulawulo loLungiselelo:** Umlawuli wolungiselelo uceba kwaye alawule ukuhamba ngokufanelekileyo, okusebenzayo kunye nokugcinwa kwempahla, iinkonzozo kunye nolwazi olunxulumeneyo ukusuka kwindawo ezisuka kuyo ukuya kwindawo ezisetyenziswa kuyo. Izikhundla kule ndawo ziquka uMhlalutyi weNgxowamali, uMququzeleli wokuThunyelwa ngaphandle, uMchwangcisi weMfuno, uMphathi weKhontrakthi, uMphathi wezoBonelelo kunye noLungiselelo, uMphathi wokuSebenza kweProjekthi, kunye noMlawuli wokuSebenza

**Ulawulo lwentengiso:** Kulo mmandla, uya kubandakanyeka kwimisebenzi eyahlukeneyo yokuthengisa efana nezigqibo zemveliso, ukumiselwa kwexabiso, ukusasazwa, ukuthengisa kunye nokwenza ulwazi ngeemveliso okanye iinkonzozo. Imisebenzi enokwenzeka ngumphathi wentengiso, umphathi wentengiso, umphathi womxhasi kunye nomphathi wentengiso.

**Ulawulo lukarhulumente nophuhliso:** Amakhondo olawulo kuluntu, angekho phantsi kolawulo lukarhulumente kunye namacandelo ophuhliso afana nawesiqhelo, amaqhinga, ezemali, abasebenzi, iprojekthi okanye umphathi weprogram. Umcwangcisi wophuhliso, umphuhlisi woluntu okanye ingcali kumgaqonkqubo kunye nophando lolawulo kunye nokubonisa.

## I-BCom (iNzululwazi yoLawulo) (iminyaka emi3) BCom

Le nkqubo inikezelwa kwiminyaka emine. Kufuneka uhlangabezane nezona mfuno zisezantsi zokwamkelwa kwaye uya kufumana ukhetho ukuba uyahlangabezana neemfuneko zemeko yentlalo yoqoqosho (SES) yomgaqonkqubo wokwamkelwa kwiYunivesithi kunye nenqanaba leSES elimiselwe yiYunivesithi. Bamalunga ne100 abafundi abanokunikwa indawo kule nkqubo ngonyaka ngamnye.

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**60%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IMathematika ama**50%**
- IsiNgesi ulwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE
- iAfrikaana uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE iAfrikaans uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%** OKANYE IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%**

## I-BCom (iNzululwazi yeMathematika) (iminyaka emi3)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**70%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IMathematika ama**75%**
- IsiNgesi uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE iAfrikaans uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE iAfrikaans uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%** OKANYE IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%**

### linkalo ekugxilwe kuzo

- Inzululwazi yeDatha
- ULawulo loMngcipheko weMali
- Uphando lweMisebenzi

**Inkqubo ezifanayo:** Isidanga seNzululwazi yeDatha (BDatSci); iBSc kwiNzululwazi yeKhompyutha; iBEng; iBSc kwiFiziksi; iBSc kwiNzululwazi yeMathematika; iBSc egxile kwiBhayoinformatika kunye neBhayoloji yoBalo, okanye iNzululwazi zeMathematika yoBugqirha.

### Amathuba emisebenzi:

**INzululwazi yeDatha:** INzululwazi yeDatha yinkalo yezifundo ezahlukeneyo esebenzisa iindlela zenzululwazi, iinkqubo, iialgoridimi kunye neenkqubo zokukhupha ulwazi kunye nokuqonda kwiidatha ngeendlela ezahlukeneyo, ezicwangcisiweyo nezingacwangcisiwanga. Ubukrelekrele bokwenziwa, ukufunda koomatshini, idatha enkulu - ezi ngcamango zingundoqo kwisayensi yedatha. Ngokugaleleka kwedatha, kuza imfuneko eyandayo yokuba abantu benze intsingiselo yedatha. Uphononongo lubonise ukuba uhlahluty lweenkcukacha-manani kunye nobuqili bedatha zezinye zezakhono eziphezulu ezifunwayo kwiilabathi jikelele ngeli xesha, kwaye loo mfuno idlula kude unikezelo.

**Ulawulo lwengozi yezemali:** Abantu abanoqeqesho kulawulo lwengozi yezemali, izibalo zemathematika kunye nezibalo zemali baqeshwa ngamaziko amakhulu emali njengabahlahlutyi bobungakanani bemali, abafana nabaphathi bomngcipheko wemali, abaphathi bepotfoliyo kunye nabathengisi bezixhobo zemali.

**Uphando lwemisebenzi:** Lo mmandla uxile ekuziqhelaniseni ukufumana izisombululo ezisekelwe kwimathematika kwiingxaki ezinobunzima obuphezulu, ukungaqiniseki kunye nongqzulwano kwimizimveliso, kumashishini, kwiibhanki, nakwicandelo lezemigodi nezolimo

## I-BCom (iShishini laMazwe ngaMazwe) (iminyaka emi4)

Inani eliqingqiweyo labafundi likhethwa kusetyenziswa inkqubo yokhetho eyodwa. Inkqubo yeBCom (kuShishino laMazwe ngaMazwe) yinkqubo yokhetho engaqongqo enemilinganiselo emiselweyo ekufuneka ihlangatyewane ukuqhubeka ukusuka komnye unyaka wezifundo ukuya kolandelayo. Unyaka wesithathu ubandakanya isimesta yotshintshiselwano lwamazwe ngamazwe. Ulwimi lokufundisa sisiNgesi.

- Umyinge weINS Cubuncinane ama**80%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IMathematika ama**70%**
- IsiNgesi uLwimi lwaseKhaya ama**70%** OKANYE IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**80%**
- Naluphi na uLwimi oloNgezelelweyo ama**70%**



**Inkqubo ezifanayo:** IiNzululwazi yezoLawulo kwiBCom

**Amathuba omsebenzi:** Ukusebenzisana nabafundi bamazwe ngamazwe kunye nemarkete yehlabathi ikulungiselela indima kwiifemu zamazwe ngamazwe njengomphathi wentengiso, umphathi wezemali, usomashishini okanye umphathi wotshintsho.

### Isidanga seNzululwazi yeDatha (BDatSci) (iminyaka emi4)

**Le yinkqubo ephakathi kwifakhalthi.**

- Umyinge wama**80%** ubuncinane (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IMathematika ama**80%**
- Ulwimi lwaseKhaya ama**60%**
- Ukuba isiNgesi asilolwimi lwasekhaya, isiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**75%**

#### Iinkalo ekugxilwe kuzo

- Uhlalutyo kunye noPhuculo
- UQoqosho lokuziphatha
- UkuFunda ngamanani

**Inkqubo efanayo:** IBCom (iNzululwazi yeMathematika) Indawo ekugxilwe kuyo: iNzululwazi yeDatha.

#### Amathuba emisebenzi:

**Uhalhlelokunye noLungiso:** Uphando lwemisebenzi yindlela yokuhlalutya yokusombulula iingxaki eziqhutywa yidatha kunye nokwenza izigqibo. Iingxaki zicazululwa zibe ngamacandelo asisiseko aze asonjululwe ngokwamanyathelo achaziweyo ngeendlela zemathematika. Abaphandi bokusebenza basebenzisa ukufaneleka kwemathematika ukumisela eyona ntsebenzo ingcono phantsi kwe ukumisela owona msebenzi ugqwesileyo phantsi kweemeko ezinikiweyo. Basebenzisa ukulinganisa ukulinga kunye nokuvavanya izisombululo ngaphambi kokuziphumeza kunye nohlalutyo lokutyhila umngcipheko kunye nokuqonda okuluncedo, kunye nokwenza uqikelelo oluthembekileyo. Ubuchule obuthiwe thaca kule ndawo kugxilwe kuyo bunika izazinzulu zedatha umphetho owodwa ekufumaneni izisombululo ezizezona zifanelekileyo kwiingxaki zehlabathi lokwenyani, kwaye zivula iingango zemisebenzi kwimimandla efana nohlalutyo lweshishini kunye nokubonisana

**UQoqosho lokuziphatha:** Iinzululwazi zedatha zihlala zisebenza kunye nedatha ebamba iinkalo zokuziphatha komntu kwaye ibonise izigqibo ezenziwe ngabatyali-mali, abathengi, abasebenzi, abezopolitiko, iinkampani kunye nabaphathi. Uqoqosho lokuziphatha luphanda indlela iimeko zengqondo kunye nezoqoqosho ezichaphazela ngayo ezi zigqibo. Lo mmandla ugxininise kuwo uya kukuxhobisa ngezakhono, imizekelo kunye neethiyori zokuqonda, ukuqikelela nokuphemelela ukuziphatha kwabantu

**Ukufundwa kweNkcukachamanani:** Phantse kuzo zonke iimeko ezingqongileyo, ukuthathwa kwezigqibo kuqhutywa zizixa ezikhulu zedatha, nto leyo ethetha ukuba kukho imfuneko emandla yabantu abanezakhono abanokuthi babe nengqiqo ngalo mkhukula wedatha. Ngokubanzi, inzululwazi yedatha ibandakanya ukuqokelelwa kunye nokugcinwa kwedatha, ukuguqulwa kunye nokubonakaliswa kwegraphical yedatha kunye nohlalutyo lwedatha ukwenza uqikelelo okanye intekelelo. Inkalo yokufunda yeenkcukachamanani ibandakanya ukuchonga iintsingiselo kunye neepateni kwidatha nokusebenzisa ezi zinto ukwakha iimodeli zamanani, ezinokuthi zisetyenziswe ukuqikelela okanye ukuhlala. Lo ngumsebenzi obalulekileyo kuwo onke amashishini, okuthetha ukuba abantu abanezi zakhono ezithile banokusebenza ekusombululeni iingxaki zehlabathi zokwenyani ezifumaneka kwiinkalo ezahlukeneyo.

## IINKQUBO ZEZIDANGA ZOBHALISO NGOBUCHULE

### I-BCom (Inzululwazi yengcali kuRhumo) (iminyaka emi3)

Ukuba abafakizicelo bahlangebezana neemfuno zokwamkelwa bagqithise kumthamo wesicwangciso sobhaliso lweFakhalthi, imilinganiselo yeemfuno zokwamkelwa iya kusetyenziswa ukulinganisa abafaki-zicelo ngokulandelelana kokufaneleka kunye nokugqiba uluhlu lwabafakizicelo abakhethiweyo. Ukuba abafakizicelo abaninzi bahlangebezana neemfuno zokwamkelwa kunokuba amandla esicwangciso sobhaliso lweFakhalthi evumayo, ezinye iindlela zokukhetha kunye neenkqubo ziya kusetyenziswa.

- Umyinge weNSC ubuncinane ama**80%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IMathematika **80%**
- Ulwimi lwaseKhaya **60%**
- Ukuba isiNgesi asilolwimi lwasekhaya, isiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**75%**

**Iinkqubo ezifanayo:** I-BCom kwiNzululwazi yeMathematika

**Amathuba emisebenzi:** Ukuze ube yingcaphephe (iQela loMbutho wengcaphephe zothekelelo loRhumo waseMzantsi Afrika) kufuneka uphumelele iimviwo ezilishumi elinesihlanu zequmrhu lobuchwephesha kwaye ube namava awoneleyo omsebenzi. Ukuphumelela kwizifundo zaseyunivesithi kunokubangela uxolelo kuninzi lwezi mviwo.

### I-BCom (kwiSaykholoji yoShishino) (iminyaka emi3)

- Umyinge weNSC ubuncinane ama **65%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IMathematika ama**60%**
- IsiNgesi uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE iAfrikaans uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE iAfrikaans uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%** OKANYE IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%**

**Iinkqubo ezifanayo:** I-BCom (iNzululwazi zoLawulo): Inkalo ekugxilwe kuyo yoLawulo lwezaBasebenzi. Isidanga seBA kunye neSaykholoji kunye neSaykholoji yoShishino ukuya kwinqanaba lonyaka wesithathu.

**Amathuba omsebenzi:** Ukubhaliswa ngokusemthethweni kwiBhunga leeNgcali neBhunga labaSebenzi bezeMpilo eMzantsi Afrika (HPCSA) jengogqirha wengqondo (ozimeleyo) kunokwenzeka emva kokufumana iBCom (kwiSaykholoji yoShishino) kunye nezidanga zeonazi zeBCom (Saykholoji yoShishino-) izidanga, isingxungxo seenyanga ezintandathu kunye nokuphumelela uviwo lwebhodi yobungcali. Ukubhaliswa ngokusemthethweni kwiBhunga leeNgcali zezeMpilo eMzantsi Afrika (HPCSA) njengeNgqondo yeNgqondo okanye iNgcali yeNgqondo yezoShishino kunokwenzeka emva kwezifundo ezithe chatha, isingxungxo kunye nokuphumelela iimviwo ezifanelekileyo zebhodi.

### I-BAcc (iminyaka emi3)

- UmyingeNSC ubuncinane ama**70%** (ngaphandle koLwazi ngezoBomi)
- IMathematika ama**70%** OKANYE iMathematika ama**60%** kunye ne-Akhawntingi ama**70%**
- IsiNgesi uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE iAfrikansi uLwimi lwaseKhaya ama**50%** OKANYE iAfrikaans uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%** OKANYE IsiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ama**60%**

**Iinkqubo ezifanayo:** UCwangcisomali lweBCom kwiAkhawntingi okanye uCwangciso loLawulo iBCom kwiAkhawntingi

**Amathuba omsebenzi:** Isidanga seBAcc linyathelo lakho lokuqala lokuba yiTshathathakhwuntenti Ukuze ufumane isiqinisekiso sobungcali seChartered Accountant, kufuneka uphumelele iimviwo

